**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha linamaCANDELO amaBINI:

   ICANDELO A: Izincoko (50)
   ICANDELO B: Imihlathi (2 x 25) (50)

   QAPHELA: Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule imibuzo emiBINI kwiCandelo B.

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

3. Bhala ngesiXhosa esamkelekileyo nesichanekileyo.

4. Qala ICANDELO ngalinye kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/itshati ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njalo njalo.), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.

6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.

7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

   ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-100
   ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-(2 x 40) 80

8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.

10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO A: IZINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340–390.

1.1 Saba nosuku olumnandi. **[50]**

1.2 Umonakalo odalwa zizandyondyo zemvula. **[50]**

1.3 Ubomi beentsapho kwiminyaka ezayo **[50]**

1.4 Igugu lingaba likhulu umbombo uyaqhosha. **[50]**

1.5 Abafundi abahloniphayo bayaphumelela. **[50]**

1.6 Ukulunga nokungalungi kwesibonelelo sama-R350 kulutsha. **[50]**

1.7 Qwalasela le mifanekiso ingezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.




[Ucatshulwe kwi-intanethi www. images.com] **[50]**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO B: IMIHLATHI

### UMBUZO 2

Khetha imihlathi ibe MIBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100−120 (umxholo kuphela).

2.1 **I-IMEYILE**

Bhalela umhlobo wakho i-imeyile uvuyisane naye kuba efumene inkxaso-mali yokuya kufunda izifundo zakhe zobuNjineli phesheya kolwandle. **[25]**

2.2 **ILETA ESESIKWENI**

Bhala ileta eya kuMhleli wephephandaba uveze izimvo zakho malunga nokuthengiswa kweziyobisi ngaphakathi ezikolweni. **[25]**

2.3 **UDLIWANO NDLEBE**

Bhala udliwanondlebe oluphakathi komqeshi kwiSebe lezeMpilo kunye noAsive ozigqatsele isithuba somzebenzi sokuba ngumongikazi. **[25]**

2.4 **INGXELO ESESIKWENI**

Bhala ingxelo eya kwinqununu yesikolo sakho emalunga nokhuphiswano lokhuseleko lwendalo ebenithathe inxaxheba nimele isikolo kulo. **[25]**

2.5 **I-AJENDA NEMIZUZU**

UnguNobhala wombutho wabantu abatsha abaququzelela ukubhiyozela usuku lwe-June16 **kwingingqi** yakho. Bhala i-ajenda nemizuzu yentlanganiso engamalungiselelo olu suku. **[25]**

2.6 **INTETHO**

Bhala intetho oza kuyenza egameni labafundi bebanga le-12 kwitheko lokuthi ndlela ntle kuni ubulele kootitshala ngako konke abanenzele kona kude kube ngoku. **[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 50**
**AMANQAKU EWONKE: 100**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Hosted by www.ecexams.co.za.